#nalibaliwrad2024




Nal'ibali KONKE KUQALA NGEBALI.

# USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi

## kunye noNal'ibali

## kubantwana abasebancinci !






Kulo nyaka sifuna ukumema iintsapho nabagcini babantwana abancinci ukuba bafunde nathi ngoSuku Lwehlabathi Lokufunda Ngokuvakalayo, olungowesi-7 **kuFebruwari 2024** – nangayo yonke imihla. Ibali lethu elikhethekileyo elithi, *Intshontsho lekati elilahlekileyo*, libhalwe ngu Stacey Fru yaza imizobo yazotywa nguRico. Eli bali liyafumaneka ngazo iilwimi zaseMzantsi Afrika zoli-11 ezisemthethweni. Eli bali libhalelwe nina ngokukhethekileyo!

### Ngaphambi Kosuku Lwehlabathi Lokufunda Ngokuvakalayo

- Lazi kakuhle eli bali ukuze ukwazi ukulibalisa okanye ukulifunda ngokuvakalayo ngendlela yakho.
- Cinga ngokuba unokulenza njani ibali liphile. Gqiba ukuba zeziphi izimbo zobuso nezomzimba ofuna ukuzisebenzisa xa ubalisa eli bali.
- Khetha ixesha losuku lokwabelana ngebali xa usapho lwakho lukunye ngalo.
- Fumana iindawo ebalini apho abantwana bengajoyina khona, ngokomzekelo, bangenza izandi ezenziwa lintshontsho lekati nayinja.
- Ziqhelanise nokulibalisa okanye ukulifunda ngokuvakalayo eli bali.




### Ngaphambi kokuba ufunde eli bali ngokuvakalayo

- Sika uze ukhuphe imifanekiso yezilwanyana ezinjengezinja, iikati, imivundla namafudo ezingagcinwa njengezilwanyana zasekhaya. Vumela umntwana ngamnye akhethe umfanekiso oza kuba sisilwanyana sakhe sasekhaya aza kusiphatha xa ufunda ibali.
- Buza imibuzo okanye uthethe ngezinto eziza kunceda abantwana bakho bajolise iingqondo zabo ebalini. Ngokomzekelo, bonisa ifoto yekati okanye yentshontsho lekati. Thetha ngezilwanyana esizigcina ekhaya njengezilwanyana zasekhaya.
- Funda umxholo weli bali. Babuze, *"Nicinga ukuba liza kuthetha ngantoni eli bali?"*



### Ngoxa ufunda ngokuvakalayo


- Njengoko ufunda ibali, buza abantwana imibuzo ngalo. Imibuzo enjengothi, *"Ucinga ukuba kutheni eye wenza le nto?"* nothi *"Ngewenze ntoni wena ukuba ibinguwe?"* iphuhlisa isakhono sabantwana sokuba novelwano nokuqonda abanye abantu.
- Abantwana bakho mabakujoyine ekwenzeni izandi ezenziwa zizilwanyana.



Isithembiso sokufunda ndawonye njengosapho kolu **Suku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi** – nayo yonke imihla. Bhalisa ku **www.nalibali.org** okanye uWhatsAppe igama elithi **"WRAD"** ku- **0600 44 22 54**. Usapho ngalunye olubhalisayo luza kuba nethuba lokuzibandakanya **nohambo lokufunda losapho loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lukaNal'ibali**. Uza kufumana amabali ongezelelekileyo kunye neengcebiso nezimvo zeNal'ibali ngendlela onokufunda ngazo nabantwana bakho kunyaka wonke.



# Intshontsho lekati elilahlekileyo



Libhalwe nguStacey Fru ◎ Imizobo izotywe nguRico



NgoLwesihlanu emva kwemini, uNeo noBella babedlala egadini yakuloNeo. UNoodle wayezithele tywa.




*Nyawu, nyawu, nyawu!* Kwaphuma intshontsho lekati elincinci elimbala ujinja etyholweni. "Khawujonge, linekhola entle eblowu entanyeni yalo," watsho uNeo.


UNeo noBella bangena nalo endlwini.

"Mama noTata jongani! Sifumene intshontsho lekati egadini!" wakhwaza uNeo.

"Limele ukuba linomntu walo kuba linekhola eblowu entanyeni," watsho uBella.

"Kufuneka sikhangele abanini balo," watsho uTata.





"Ngomso singenza iipowusta zentshontsho lekati elilahlekileyo. Mhlawumbi umninilo uza kuzibona ezo powusta," watsho uMama.

UNeo wachola ibhokisi yezihlangu nejezi endala awayeza kulondlalela kuzo intshontsho lekati. UTata walipha ukutya waza walinika isitya esikhulu esinamanzi acocekileyo.

Nal'ibali KONKE KUQALA NGEBALI.

Kuze ufumane amabali angakumbi, yiya ku-www.nalibali.org okanye uthumele igama elithi "stories" ngoWhatsApp kwinombolo ethi 0600 44 22 54.

NgoMgqibelo kusasa, uBella wafika kwangethuba. “Masenzeni iiphowusta!” watsho.

Benza iipowusta ezine. “Masambeni siyokuzixhoma,” ~~watso~~ uTata.


Baqala baya elayibrari ...



emva koko baya evenkileni...



emva koko ummelwane wabavumela ukuba baxhome ipowusta egeyitini yakhe.




Bashiya ipowusta enye bazayixhoma esikolweni.

NgoLwesibini emva kwemini, uNeo, uBella, uNoodle nentshontsho lekati babedlala kwigumbi lokuphumla.

*Nkqo, nkqo, nkqo!* Kwakukho umntu emnyango.

UNoodle wakhonkotha evuya.

Intshontsho lekati loyika laza labaleka laya kuzifihla emva kwesofa.





“Oh, molo,” watsho uNeo xa ebona intombazana emnyango.

“Molo, igama lam nguGina,” yatsho le ntombazana. “Ndicinga ukuba intshontsho lekati enilicholeyo kungenzeka lelam. Igama lalo nguGinger.”

Kodwa bathi bakungena kwigumbi lokuphumla, labe lona intshontsho seliphele emehlweni. “Hayini!” watsho uBella. “Ndiyathemba aliphindanga lalahleka kwakhona eli ntshontsho lekati!”

UGina wabonakala edanile.

Emva koko beva uNoodle esekhitshini. Hawu, hawu! Emva koko kwalandela isandi esithi KHELEKENQE!



Aba bantwana bakhawuleza baya ekhitshini. Nalo lihleli apho intshontsho lekati. Laliye lagila isitya samanzi xa uNoodle elikhonkotha ibe ngoku lalimanzi tixi.

UBella walosula walinika uGina.

Brr, brr, brr. Intshontsho lekati lavuya nyhani!

"Wena noNeo ningeza uzokumbona uGinger nanini na nifuna,"kutsho uGina.

Ubuso bukaBella batyhileka. "Enkosi!" watsho.

"Kodwa," watsho uNeo, "ndicinga ukuba uNoodle yena umele ashiyeke ekhaya."

Ibe wonke umntu wavumelana ukuba licebo elihle elo.



**Emva kokufunda ibali kunye, ncokolani ngento eyenzeke ebalini. Buza imibuzo efuna abantwana bakho baveze izimvo zabo ukuze ubakhuthaze ukuba bacinge kwaye bancokole ngezinto ezidibene nelo bali, ngokomzekelo, "Yeyiphi indawo oyithandayo kweli bali?"**

## Yenza ibali linike umdla

- Cula ingoma okanye uqambe ingoma ngeekati nezinja.
- Zoba umfanekiso weyona ndawo uyithandayo ebalini.
- Sebenzisa intlama yokudlala okanye udongwe ukuze wenze imodeli kaGinger okanye ekaNoodle.
- Yenza ipowusta yesilwanyana sasekhaya sakho okanye yesilwanyana sasekhaya ongathanda ukuba naso. Zoba umfanekiso wesilwanyana sakho sasekhaya. Bhala okanye ucele umntu akuncede ubhale umbala negama lesilwanyana sakho sasekhaya.







Bonisa iifoto neevidiyo zakho nabantwana bakho nisonwabela ibali nezinto ezenziwa ngoSuku Lwehlabathi Lokufunda Ngokuvakalayo ku#nalibaliwrad2024 kumajelo ethu okuncokola!

TheNalibaliChannel nalibaliSA @nalibaliSA @nalibalisa
@nalibalisa nalibalisa The Nal'ibali Trust +27 64 801 5496

**UNal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo. Umbono wethu kukubona uMzantsi Afrika apho wonke umntwana esonwabela ukufunda ibali yonke imihla.**



Nal'ibali KONKE KUQALA NGEBALI.